

1. Intshayelelo

1.1 Iziko leLifa leMveli leNtshona Koloni (HWC) kunye neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS)

I-HWC kunye ne-DCAS ziyile esi sikhokelo sokulawula iindawo zokwalusela amakhwenkwe.

NgokweSikhokelo seeNdawo zoKwalusela se-DCAS, isiko lolwaluko kunye nokukhuselwa kwalo lilungelo lenkcubeko loluntu, lenkolelo yomoya nolwenkolo. UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, kuMqulu waMalungelo oLuntu, ukhusela ze ukhuthaze la malungelo yaye uxhoma emagxeni awo onke amaqumrhu karhulumente nawabucala uxanduva lokuphakamisa nokuthobela kuMqulu waMalungelo oLuntu.

Injongo yeSikhokelo seeNdawo zoKwalusela se-DCAS kukudala imeko-bume ekhuselekileyo nevumayo, eza kwenza ukuba amakhwenkwe akwazi ukudlulela kwinqanaba lobudoda nakwinqanaba lokuba ngabemi abenza izinto ngenkathalo.

1.2 Iindawo zokwalusela ezichongwe ngokusesikweni

Ishedyuli yeendawo zokwalusela ezichongwe ngokusesikweni ibhaliswe kwi-HWC.

2. Ukuchongwa ngokusesikweni kweendawo zokwalusela

Izikhokelo zokuchonga ngokusesikweni iindawo zokwalusela

Kukho ezi zikhokelo zilandelayo zokuncedisa ukuchonga ngokusesikweni iindawo zokwalusela. Kufuneka kwaneliswe le nkqubo ichazwe apha ngezantsi (kwiTheyibhile 1) phambi kokuba indawo ifakwe kwishedyuli yeendawo zokwalusela ngokuka-1.2 olapha ngentla.

Ittheyibhile 1: Inkqubo emayanezwe phambi kokuba indawo ifakwe kwishedyuli

Uqulatho/Umahluko	Inkcazelo/Umbuzo	Izikhokelo eziphakanyisiweyo
Usetyenziso nobungakanani	Ingaba kungenziwa isibonelelo sokuba kwenziwe iindawo ezikwimimandla ezimbalwa okanye ingaba kufuneka kwenziwe iindawo ezincinci zengingqi nganye okanye zingenziwa zombini ezi ndawo?	Iindawo ezintathu ukuya kwezine zemimandla ze kubekho ezeengingqi ezikwisithili ngasinye.
Indawo	Ingaba iindawo ezi zingenziwa ngaphandle kommandla oyidolophu yaye ingaba kufuneka owona mgama mde ube ngakanani?	Akufunekanga ube ngaphezu kwe-5 km ukusuka kwindawo ehlala uluntu yaye kufuneka ube nokufika kuwo ngemizuzu engama-20 ngesithuthi.
Umthamo	Bangaphi abantu abanokusebenzisa le ndawo? Kungakanani ukuxinana okwamkelekileyo kwendawo nganye?	Phakathi kwamabhuma ali-16 nama-20 kwihektare nganye. Umyinge wabantu ababini ukuya kwabane kwibhuma ngalinye.
Ubungakanani	Kufuneka ibe ncinci kangakanani indawo yaye ukuba kukhethwe iindawo ezikwimimandla, bungakanani ubukhulu obamkelekileyo?	Kuphakanyiswa ihektare ezintathu ukuya kwezisixhenxe.
Iinkonzo	Leliphi izinga leenkonzo elidingekayo kwindawo nganye? Kuba ezi ndawo zisezidolophini, makuthathelwe ingqalelo ukuba amanzi nococeko zizidingo ezingundoqo kunye nomgama ukuya kumaziko ezempilo.	Indawo esemahlathini Amanzi nococeko Ukuthuthwa kwenkunkuma Umgama kumaziko empilo
Okuqulethwe yindawo	Loluphi utyani oludingekayo? Ingaba le ndawo ingakufuphi nolwandle? Ingaba kufuneka ibe mtyaba okanye ingakumaqethuka asezintabeni?	Kwindawo emtyaba kudingeka ingxinano enkulu yotyani. Kwindawo ekufuphi kudingeka ingxinano enkulu yotyani kodwa utyani olo lube lufutshane. Ingakwindawo emtyaba okanye esezintabeni.
Ufikelelo nendawo yokumisa izithuthi	Ingaba kufuneka izithuthi zikwazi ukufikelela kule ndawo yaye ingaba iibhasi zivumelekile ukuza kule ndawo? Kufuneka kukwazeke ukuphuma ngendlela eyiyo ngokukhawuleza ngexesha likaxakeka.	Akuvumelekanga izithuthi kule ndawo. Izithuthi neebhasi maziphelele kwimida yazo.
Ubunini	Umhlaba lo unga ungangoweziko likarhulumente. Ukuba lo mhlaba ngowabucala, ingaba sikhona na isidingo sesivumelwano esisesikweni nomnini-mhlaba?	Nokuba lo mhlaba ngokarhulumente okanye ngowomntu, kufuneka kwenziwe isivumelwano selifa lemveli ngokweCandelo 42 le-NHRA nomnini-mhlaba ukuba loo ndawo isetyenziselwe ukwalusela. (Jonga u-3.3 ngezantsi)
Ukufihlakala	Le ndawo kufuneka ifihlakale, ingabonwa yaye kungafikeleleki lula kuyo.	Ukuhlola indawo Ulawulo lokungena Iizowuni ezisecaleni ezinemiqathango yobude.

Uqulatho/Umahluco	Inkcazelo/Umbuzo	Izikhokelo eziphakanyisiweyo
Okunye	Ingaba le ndawo kungabelwana ngayo nabanye abantu okanye isetyenziselwe ezinye izinto ezifana nolimo lwasezidolophini, njalo njalo?	Ingasetyenziselwa ezinye izinto phantsi kwemiqathango ethile ekuvunyelwene ngayo. Ulonolozo lwezityalo nendalo

3. Ukukhuselwa kweendawo zokwalusela

3.1 ICandelo 38 leNational Heritage Resources Act, 1999 (UMthetho 25 ka-1999)

Eli Candelo le-NHRA libeka izintlu ezahlukeneyo zophuhliso yaye linyanzelisa ukuba kwezi meko umphuhliso kufuneka azise i-HWC ngolo phuhliso. Oku kungakhokelela ekubeni i-HWC ifune ukuba kungeniswe uxwebhu oluchaza ngoVavanyo lweFuthe lolo phuhliso.

NgokweCandelo 38(1)(e), i-HWC ingachonga ze ibhengeze, isebenzisa imiqathango, naluphi na uluhlu lophuhliso olunokukhokelela kwinkqubo ethile ngokweCandelo 38(1). Kulandelwa oko, umqathango ophakanyisiweyo we-HWC olawula ukubhengezwa kweendawo zokwalusela njengoluhlu olulodwa lophuhliso, kwakunye naluphi uphuhliso olucetywayo oluza kuba nefuthe kwindawo esetyenziswa njengendawo yolwaluko, luza kudinga ukuba kwenziwe uVavanyo lweFuthe kwiMveli oluya kuba nalo olo phuhliso. Oku kubandakanya intatho-nxaxheba yoluntu emandla ngokwemiqathango yeCandelo 38(3) le-NHRA ukuze kuchongwe iindawo zokwalusela ezaziwayo nezikhoyo kunye nokunika ithuba lokumisela kweendawo zokwalusela ezintsha eziya kusetyenziswa lolo luntu luchaphazelekayo.

3.2 Isikhokelo soPhuhliso lweMihlaba engaMabala sikaMasipala (i-SDF)

NgokweCandelo 30 le-NHRA, ngexesha lokuqulunqa okanye lokuhlaziya inkqubo yocwangciso lwemimandla okanye isicwangciso sophuhliso lomhlaba ongamabala, okanye nanini xa ifuna ukwenza njalo, okanye xa oku kuqalwe ngugunyaziwe wephondo wezibonelelo zelifa lemveli, ugunyaziwe wocwangciso kufuneka aqulunqe uludwe oluqulethe bonke oovimba belifa lemveli abaphantsi kwakhe ze angenise olu ludwe kugunyaziwe wephondo wezibonelelo zelifa lemveli.

Iindawo zokwalusela ezikhoyo zithathwa njengemithombo yelifa lemveli ngokwalo mgaqo-nkqubo yaye ke kufuneka zibandakanywe kuludwe lukagunyaziwe wengingqi ngokwemiqathango yeCandelo 30 le-NHRA. Iindawo zokwalusela ezikhoyo akunyanzelekanga ukuba zichongwe ngokusesikweni njengoko kuchaziwe ku-1.2 apha ngentla ukuze zifakwe kuludwe lwezinto ezililifa lemveli.

3.3 Izivumelwano zeendawo ezingaMafa eMveli

Kwiindawo zokwalusela ezaziwayo ezikumhlaba karhulumente okanye wabucala, i-HWC ingangena kwisivumelwano sezinto ezililifa lemveli kunye nabanini-mhlaba kunye/okanye nabasebenzisi bezi

ndawo ngokweCandelo 42 leNational Heritage Resources Act, 1999 (uMthetho 25 ka-1999) malunga nolawulo lwale mithombo yelifa lemveli.

3.4 Iziza ezisemngciphekweni ngokungqalileyo

Ukuba kwindawo yokwalusela kuza kubakho uphuhliso oluthile, kufuneka kubonelelwe ngenye indawo ezalisekisa zonke iimfuno ezichazwe ku-2 apha ngentla naku-5 apha ngezantsi phambi kokuba olo phuhliso lwamkelwe.

Ukuba iinkqubo zongenelelo zelifa lemveli zesiqhelo aziphumelelanga ukukhusela loo ndawo, yaye ukuba akunikezwanga ngenye indawo, i-HWC ingathi isikhusele eso siza okwethutyana ilandela imiqathango yeCandelo 29 leNational Heritage Resources Act, 1999 (uMthetho 25 ka-1999).

4. Imiqathango yophuhliso lweendawo zokwalusela ezintsha

4.1 ICandelo 38 leNational Heritage Resources Act, 1999 (uMthetho 25 ka-1999)

Kuphuhliso oluphakanyisiweyo olutsha lwabantu abenza isiko lesiXhosa, lesiSuthu nesiHlubi, kufuneka kwenziwe imiqathango yeziphakamiso zophuhliso olutsha ukuze kumiselwe iindawo zokwalusela ezintsha ekuhlaleni.

4.2 Izinto ezifunekayo

Kufuneka kuxoxwe ngezi zikhokelo zilandelayo (Itheyibhile 2) kunye nabameli boluntu ezifanele ukuxoxwa nabo kunye namaqonga okwalusa kwakunye neCandelo leNkcubeko le-DCAS ezizezomiselo lweendawo zokwalusela ezintsha ekuhlaleni kuwo nawuphi na ummandla.

Itheyibhile 2: Izikhokelo emazixoxwe zokumiselwa kweendawo zokwalusela ezintsha

Uqulatho/Umahluko	Inkcazelo/Umbuzo	Izikhokelo eziphakanyisiweyo
Usetyenziso nobungakanani	Ingaba kungenziwa isibonelelo sokuba kwenziwe iindawo ezikwimimandla ezimbalwa okanye ingaba kufuneka kwenziwe iindawo ezincinci zengingqi nganye okanye zingenziwa zombini ezi ndawo?	Iindawo ezintathu ukuya kwezine zemimandla ze kubekho ezeengingqi ezikwisithili ngasinye.
Indawo	Ingaba iindawo ezi zingenziwa ngaphandle kommandla oyidolophu yaye ingaba kufuneka owona mgama mde ube ngakanani?	Akufunekanga ube ngaphezu kwe-5 km ukusuka kwindawo ehlala uluntu yaye kufuneka ube nokufika kuwo ngemizuzu engama-20 ngesithuthi.
Umthamo	Bangaphi abantu abanokusebenzisa le ndawo? Kungakanani ukuxinana okwamkelekileyo kwendawo nganye?	Phakathi kwamabhuma ali-16 nama-20 kwihektare nganye. Umyinge wabantu ababini ukuya kwabane kwibhuma ngalinye.

Uqulatho/Uahluko	Inkcazelo/Umbuzo	Izikhokelo eziphakanyisiweyo
Ubungakanani	Kufuneka ibe ncinci kangakanani indawo yaye ukuba kukhethwe iindawo ezikwimimandla, bungakanani ubukhulu obamkelekileyo?	Kuphakanyiswa iihektare ezintathu ukuya kwezisixhenxe.
Iinkonzo	Leliphi izinga leenkonzo elidingekayo kwindawo nganye? Kuba ezi ndawo zisezidolophini, makuthathelwe ingqalelo ukuba amanzi nococeko zizidingo ezingundoqo kunye nomgama ukuya kumaziko ezempilo.	Indawo esemahlathini Amanzi nococeko Ukuthuthwa kwenkunkuma Umgama kumaziko empilo
Okuqulethwe yindawo	Loluphi utyani oludingekayo? Ingaba le ndawo ingakufuphi nolwandle? Ingaba kufuneka ibe mtyaba okanye ingakumaqethuka asezintabeni?	Kwindawo emtyaba kudingeka ingxinano enkulu yotyani. Kwindawo ekufuphi kudingeka ingxinano enkulu yotyani kodwa utyani olo lube lufutshane. Ingakwindawo emtyaba okanye esezintabeni.
Ufikelelo nendawo yokumisa izithuthi	Ingaba kufuneka izithuthi zikwazi ukufikelela kule ndawo yaye ingaba iibhasi zivumelekile ukuza kule ndawo? Kufuneka kukwazeke ukuphuma ngendlela eyiyo ngokukhawuleza ngexesha likaxakeka.	Akuvumelekanga izithuthi kule ndawo. Izithuthi neebhasi maziphelele kwimida yazo.
Ubunini	Umhlaba lo unga ungangoweziko likarhulumente. Ukuba lo mhlaba ngowabucala, ingaba sikhona na isidingo sesivumelwano esisesikweni nomnini-mhlaba?	Nokuba lo mhlaba ngokarhulumente okanye ngowomntu, kufuneka kwenziwe isivumelwano selifa lemveli ngokweCandelo 42 le-NHRA nomnini-mhlaba ukuba loo ndawo isetyenziselwe ukwalusela. (Jonga u-3.3 ngezantsi)
Ukufihlakala	Le ndawo kufuneka ifihlakale, ingabonwa yaye kungafikeleleki lula kuyo.	Ukuhlola indawo Ulawulo lokungena Iizowuni ezisecaleni ezinemiqathango yobude
Okunye	Ingaba le ndawo kungabelwana ngayo nabanye abantu okanye isetyenziselwe ezinye izinto ezifana nolimo lwasezidolophini, njalo njalo?	Ingasetyenziselwa ezinye izinto phantsi kwemiqathango ethile ekuvunyelwene ngayo. Ulondolozo lwezityalo nendalo

5. Ukwabelana ngolwazi

5.1 Ukwabelana ngolwazi phakathi kwe-HWC neCandelo leeNkonzo zeNkcubeko le-DCAS.

5.1.1 I-DCAS iza kwazisa i-HWC ngazo zonke iindawo ezintsha ezichongiweyo kwaneenkukacha zobume bemihlaba yazo. Ezi ndawo ziza kuzotywa ziboniswe ze zibandakanywe kumfanekiso we-GIS weNtshona Koloni.

5.1.2 I-HWC iza kwazisa i-DCAS ngeendawo zokwalusela ezintsha ezichongwe kulandelwa aMacandelo 30, 31 no-38 eNational Heritage Resources Act, 1999 (UMthetho 25 ka-1999).

5.2 Ukwabelana ngolwazi noluntu

5.2.1 Iindawo ezi zingaboniswa ukuba zindawoni kodwa akufunekanga ukuba kuchazwe ukuba zisetyenziswa ngoobani na kungafunekanga nokuba kuchazwe amaxesha ezisetyenziswa ngawo.

5.2.2 Abameli boluntu namaqonga olwaluko abhalisiweyo makakhuthazwe ukuba abhalise njengamaqumrhu olondolozo lwemveli ngokweCandelo 25(1) b le-NHRA.